



IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Yinyaniso emsulwa



ISIXHOZA



Incwadi

3



Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwasigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundu ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelewe encwadini.
- Gxinisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxinisa ekufundeni kakuhle, igrاما nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetenzana efanele umgangatho wabafundi.



*Abafundi mabenze umdlalwana
ukuba incwadi iyakuvumela oko.*



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhalu kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.


Yinyaniso emsulwa

Ubusazi na?

Akukwazi ukuthimla amehlo
uwavulile.




abantu
neendlulamthi
banamathambo
asixhenxe (abizwa
ngokuba ziivethebra)
ezintanyeni. Iindlulamthi zisebenzisa
iintamo zazo ezinde ukuze
zifikelele kumagqabi aphezulu
emthini, ngeli xa inyamakazi
ifikelela kwiindawo
ezisezantsi kuphela.



Ubusazi ukuba ulwimi
Iwendlulamthi lude
kangangokuba iyakwazi
ukukhotha iindlebe zayo.



Ubusazi ukuba
iitshimpanzi
zihlakaniphe
ngokwenene?




Ungazifundisa ziwazi amanani.
Ziwaqaphela msinya amanani ngaphezu
kwabantu.


Ezinye izilwanyana
ziyakwazi ukutshintsha
imibala yazo
ngokukhawuleza
zisenzela ukuzifihla xa
kukho imfuneko yoko.

Ilovane nengwane
ziyalitshintsha ibala lazo
xa zisuka kwenye indawo
zisiya kwenye enebala
elahlukileyo. Isikhumba sazo
sitshintsha ibala lifane nelaloo ndawo
likuyo ukuze zingabonwa ziintshaba zazo.



Xa ingwane
ihlaselwa ikhupha
ilifu elimnyama leinki
elicaphukisa umhlaseli
wayo.





Ubusazi na?

Kukho uhlobo Iwentlanzi olunepatheni
efana neyeliso emsileni wayo. Xa utshaba
luhlasela eli "liso" lentlanzi sukube luhlasela
umsila wayo eneneni. Oku kwenza le
ntlanzi ikwazi ukubaleka isinde.

Iminenga emikhulu
ihamba imigama
emide xa ifuna ukutya.
Ihlala emanzini abandayo
emaNtla, kodwa ifudukela
emanzini afudumeleyo
asemaZantsi xa kubanda
kakhulu. Iminenga ihamba
ngesantya esingange - 8 km
ngeyure, santya eso esibufana
nesakho xa ubaleka.

Xa amanzi ebanda ceke
emaZantsi ibuyela
emaNtla. Iminenga
ihamba iikhilomitha
ezingamawaka-
waka ngexesha
ngalinye lonyaka.




Brr...

Brrrr...





Isandi esifana
nesomlozi esenziwa
ngumnenga oluahlaza
okwesibhakabhaka
singaviwa kumgama
omalunga nama - 850 km.



Ubusazi na?

Zingaphaya
kwama - 600 izityalo
ezitya izinambuzane
ukuze ziphile. Uninzi
lwazo zibamba ixhoba

ngokuthi zivale amagqabi
azo okanye zisebenzise
“iteyiphu encangathi” ethi
ibambisele iimpukane zizitye
njengesidlo sasemini!

Isityalo sivelisa iasidi
ukuze setyise eso
sinambuzane.

Arrhh!



Ndinedeni!





b

Kutshanje bekukho inqwelomoya eyodwa ehamba ngamandla elanga ejikeleza ihlabathi. Ibingasebenzisi amafutha esiqhelo (ipetroli), koko ibisebenzisa kuphela amandla elanga.
Igcina amandla aneleyo emini ukuze ikwazi ukubhabha ebusuku.






Amandla esola
(elanga) acocekile,
awangcolisi moyo, umhlaba okanye amanzi
kwaye afumaneka ngobuninzi bawo.
Amandla esola afikelela emhlabeni ngosuku
angakhupha amandla anokusetyenziswa
unyaka wonke! Kufuneka kufunyanwe
iindlela eziphucukileyo zokulawula /
zokusebenzisa amandla elanga.



Yinyoka!

Yintlanzi!



Inyoka ebhabhayo?
Iinyoka ezibhabhayo
zihlala kumahlathi emvula aseAsiya.
Le nyoka iyakwazi ukubhabha isuke
emthini iye komnye. Iyakwazi ukubhabha
iye phezulu nangasezantsi kwaye
iyakwazi nokuwuza nokurhubuluza.



Zimalunga nama - 60

iindidi zeentlanzi ezikwaziyo
ukubhabha. Ezi ntlanzi

zimangalisayo

zinesakhono

sokutsibela

ngaphandle kwamanzi


zihambe emoyeni

ukuze zibaleke

amarhamncwa


aphantsi

kwamanzi.





Ungakwazi ukwenza iintyatyambo zithsintshe imibala ngokuthi chatha i-inki okanye into ejika imibala yokutya emanzini asevazini. Linda nje umzuzwana uya kubona amagqabi eentyatyambo etshintsha umbala. Oku kwenzeka kuba la manzi atsalwa ziingcambu zentyatyambo aze asiwe emagqabini sisixokelelwano semithambo okanye imithanjana ekwiziqu zeentyatyambo.




Ingaba udibana nengozi xa usiya esikolweni?

Abanye abantwana kuye
kufuneke bawele iibhulorho
zexeshana okanye bahambe
kwiindlela ezisezintabeni
eziqengqelekayo nezimxinwa
xa besiya esikolweni.

Abanye bawela iibhulorho
ezingoogetyezayo xa besiya
esikolweni.



Ubusazi ukuba xa
ubambe imagnethi
esantini okanye
phezu kwayo, okanye
ecaleni kwebhokisi
yepenisile, amasuntswana
eayoni aya kuthi nca apha
kwimagnethi yakho?





Ubusazi ukuba oonomfulwana
bayakwazi ukunyuka udonga iinyawo
zingakhange zithi nca eludongeni?
Xa bekumphezulu othe nkqo, uboya
obuncinci obuninzi obusezinzwani zabo
benza ibala lemagnethi elingabonakaliyo.
Oku kubatsalela edongeni, kanye
njengo Spiderman! Oku kubenza
bathi tshe ngokukhawuleza kwaye
bancamathele ngakumbi.



Ingelosi yamazinyo
ikundwendwela kangaphi?
Abantu baneeseti ezimbini
zamazinyo.

Iingwenya zikhula amazinyo
amatsha qho emva kweminyaka
emibini, kanti ke amazinyo
eempuku awaphumi tu.
Endaweni yoko
akhula angayeki.





Ibamba lendlovu
linganobunzima
obungangee - emele
ezisi - 8 zamanzi.

Khawucinge ukuhamba -
hamba unaloo mthwalo
unzima kangako.

Ukuba ucinga ukuba imvubu
inamazinyo amane kuphela,
awazi nto.

Imvubu ihlafuna ngemihlathi
yangasemva engama - 40.



Ngoobani abatsibi
abaphambili?
Amabhadi ayakwazi
ukutsibela phezulu
kakhulu. Iimbaleki
ezigqwesileyo ziyakwazi
ukutsiba ngaphaya
kweemitha ezisibhozo.

Ingonyama yase Afrika
iyakwazi ukutsiba
kangangeemitha ezilishumi
ize ikhangaru yase Australia yona itsibe
kangangeemitha ezili - I3.





Intakumba ke yona
yintshatsheli! Indlela
etsiba ngayo ibuphinda
amatyeli angama-300 ubukhulu
bomzimba wayo. Khawufane ucinge, ukuba
intakumba ingangesiqingatha sesentimitha,
ingatsiba ngaphaya kwentloko yakho.
Ukuba besikwazi ukutsiba njengentakumba,
besinokutsiba ngaphaya
kwebala lebhola ekhatywayo.

Ndiphumelele!



Imisebenzi yokufunda yamaqela



Jonga le mifanekiso. Ungakwazi ukubona izilwanyana ezizifihlileyo?

1



2



3



4



5



6





2

Xeleta umhlobo wakho ukuba ezi ngxelo ziyinyani na okanye aziyonyani.

	YINYANI	ASIYONYANI
i. Iitshimpanzi zikrelekrele kakhulu.		
ii. Iminenga emikhulu ihamba imigama emide xa ifuna ukutya.		
iii. Ezinye izityalo zitya izinambuzane.		
iv. Oonomfulwana abakwazi ukunyuka udonga.		
v. Iimpunzi ziakwazi ukutsibela phezulu kakhulu kwaye ziye kude.		
vi. Iimvubu zinamazinyo amane kuphela.		
vii. Ezinye izilwanyana zizitshintsha imibala ukuze zizifihle zingabonwa ziintshaba zazo.		
viii. Abantu baneeseti ezimbini zamazinyo.		
ix. Iinyoka ezibhabhayo zihlala emahlathini eemvula.		
x. Ungathimla uvule amehlo.		



3

Izilwanyana ezincancisayo, iimamali, zizilwanyana ezinoboya okanye iinwele.

Bhala uluhlu lwazo zonke izilwanyana ezincancisayo ozaziyo. Yahlula amagama akho ngekoma.



4

Izirhubuluzi zinamaxolo kwaye zidla ngokungakwazi ukubhabha.

Bhala uluhlu lwezirhubuluzi ozaziyo. Yahlula amagama ngeekoma.

Zeziphi izilwanyana ongazibhalanga kwezi ndidi zimbini?



5

Bhala ezi zivakalisi kwakhona usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.

- i. ubusazi na ukuba iitshimpanzi zihlakaniphile
- ii. iingwenya zikhula amazinyo amatsha qho emva kweminyaka emibini kodwa aweempuku awaphumi ahlala ehleli
- iii. iindlulamthi zisebenzisa iintamo zazo ukuze zifikelele kumasebe aphezulu emithi



6

Tshatisa la magama neentsingiselo zawo.

Wakuggiba sebenzisa la magama wakhe ezakho izivakalisi.

ukuzimela

caphukisa

tshintsha

ixhoba

uhlobo

ihlakaniphile

cunukisa

ukuzifihla

isisulu

guqula

ikrelekrele

udidi

IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE



Incwadi 3

Isihloko:	Yinyaniso emsulwa
Ulwimi:	IsiXhosa
Inqanaba:	Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Incwadi yesi-3 Inqanaba 3
Uhlobo lwencwadi:	Ibali
Amagama ajongwayo:	ngeli xesha, tshintsha, ngokukhawuleza, ukuvumela, eneneni, phantse, ngasentla, ngasezantsi, ngaphaya
Isigama:	ithambo lomqolo, ukuzifihla, uhlobo, ukuvelisa, ukwetyisa, amarhamncwa, ukufudu, amaqhekeza, amasuntswana, isixokelelwano semithanjana
Izandi:	ee, ii, xh, nx, ty, ts, rh, ndl, tsh, ntl, nqw, ngc, nty, tyw, ngw, ndw, ntsh, ntsw
Umxholo, amagama nezakhono:	<ul style="list-style-type: none">▪ Xoxani ngemifanekiso.▪ Funa ulwazi/ingcaciso kwisicatshulwa esingeyonyani uze ufumanise ukuba ingxelo iyinyani okanye asiyonyani na.▪ Bhala uluhlu lwezinto usebenzise ikoma.▪ Fakela iziphumlisi ezichanekileyo.▪ Tshatisa amagama neentsingiselo zawo.

Inkubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootishala babe nexesa abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukujonda neminye enokuncheda ootishala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.



9 781431 526444

ISBN 978-1-4315-2644-4



**THIS BOOK MAY NOT
BE SOLD.**



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga loku-3 zoLwimi Lweenkobe:



UMvundlana ughatha uMpungutye

Utyelelo elwandle

Uyolo lwasekhithshini

Idayari kaNozikhalazo



Izilwanyana ziqhweshile

UThandi unemini embi

Impelaveki esingasoze siyilibale



Irhamncwa ekhabbhathini

Ityala lokulahleka kwamaqebengwana

Yinyaniso emsulwua